

Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibelelwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (i-GCIS)

English/isiXhosa

EyoMdumba 2023 Ushicilelo 2

Kuza kuthatha ixesha ukuba u-Eskom aphume ezingxakini

U-Eskom uceba ukubeka isizwe kwiNqanaba lesi-2 nelesi-3 lokucinywa kombane kule minyaka mibini izayo ukunika izikhululo zombane ithuba lokulungisa ubuxhaka-xhaka bazo bokuphehla umbane nokuqinisekisa ukuba abemi boMzantsi Afrika bayazi ukuba le ngxaki kacimi-cimi yombane iza kubaphazamisa njani na.

Oku kuthethwe kutsha nje nguSihlalo weBhodi yakwaEskom uMpho Makwana ngethuba ebethetha nonoondaba ngonxibelelwano lwevidiyo malunga neengxaki ezambethe izikhululo zophehlo-mbane zeziko lombane kunye nenkcazo-ntetho yesicwangciso sokuqulula imeko yeli ziko lombane.

“Sifuna ukuqinisekisa ukuba abantu bayakwazi ukuqikelela ukuba uza kucinywa nini na umbane ngokuthi sigcine isizwe sikwiNqanaba lesi-2 kunye nelesi-3 lokucinywa kombane kule minyaka mibini izayo, ukunika ithuba izikhululo zophehlo-mbane lokuba zikhande ubuxhaka-xhaka bazo bophehlo-mbane ngelilixa sanceda nesizwe sitsho sazi ukuba umbane uza kucinywa nini na okanye singayitshintsha-tshintshi indlela esiqhuba ngayo baze nabantu bakwazi ukwenza izicwangciso lula ngobomi babo”.

“Ukusuka kwelinye inqanaba [lokucima] ukuya kwelinye ngexeshana elifutshane akulunganga kulo naliphi na ishishini nakweyiphi imeko ekuhlaleni,” utshilo uMakwana.

Ucacise ukuba eli nyathelo liyinxalenye yesicwangciso esibanzi sokuhlaziya kwezikhululo zombane ezidala zakwaEskom zilungiselelwe ukusetyenziselwa ezinye izinto.


UMakwana uqinisekise abemi boMzantsi Afrika ukuba iingcali ezikwizikhululo zombane kwilizwe lonke “zibila zisoma” zizama ukwenza amaziko ophehlo-mbane azinze.

Iqhubeka ekhasini lesi-2



Join the Woza Matric programme

Page 2

Apply to join the SANDF Military Skills Development System before 28 February



Page 5



Ukufunda uVuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:

Available on the **Google play** and **App Store**

Khangela u- SA Government kwi-Google playstore okanye kwi-appstore

QHAGAMSHELANA NATHI  Vuk'uzenzele  @VukuzenzeleNews

Iwebhusayithi: www.gcis.gov.za I-imeyili: vukuzenzele@gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0103

Tshedimotsetso House:
 1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

Isuka ekhasini loku-1

Ukubuyisela kwimo yesiqhelo

UMakwana uthe isicwangciso sokuzisa uzinzo kwa-Eskom sibandakanya ukubuyisela kwimo yesiqhelo isikhululo sombane iKendal, iMatla, iMajuba, iDuvha, iTutuka kunye neKusile ukuze kuliwe le ngxaki sijongene nayo kacimi-cimi wombane.

“Ezi zikhululo kufuneka kuqalwe ngazo ngokuba kuqeqeshwe iingcali ezibaleseleyo eziza kusebenza kuzo futhi zibekelwe nemali eyaneleyo.

“Ukwenza ezi zikhululo zombane zithandathu zizinze kunye nenye iyunithi eKusile [ekulindeleke ukuba ibuyele kwiziko lombane ngeyeKhala] kuza kuyiphelisa le ngxaki kacimi-cimi wombane kwisithuba seenyanga ezingama-24 njengoko besitshilo ngaphambili. Kukwafuneka sikhusele kwaye sigade amaziko ombane aqhuba kakuhle afana neMatimba, Medupi neLethabo ukuze angawohloki,” utshilo uMakwana.

Usihlalo webhodi ubalule ukuba nangona eli ziko lombane lijongene nemiceli mngeni, ezi zithembiso azinakungazalisekiswa watsho futhi ekwabongoza bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba basebenzisane neli ziko lombane njengoko lisebenzela ukuguqula izinto ukuze kuxhamle wonke umntu.

“Inkxaso efunwa ngu-Eskom kubo bonke abemi boMzantsi Afrika kuba basebenzise umbane ngobunono,” utshilo uMakwana.

Wenze ntoni urhulumente ukulungisa le ngxaki?

Ukusukela ngowama-2018, kuninzi okwenziweyo ukulungisa iingxaki kwinkqubo yethu yombane:

- Ibhodi ka-Eskom kunye neenkohlakali zesigqeba, ezithe zadyobheka kumkhuba wokubanjwa kombuso ngobhongiwe, zaye zagxothwa kwaze kwaqeshwa abantu abafanelekileyo.
- Utshintsho kwindlela akheke ngayo u-Eskom kuze kuvulwe inkampani yokuhambisa umbane ephantsi korhulumente sele luqalile. Le nkampani iza kukwazi ukuthenga umbane kubavelisi abohlukeneyo, kuquka no-Eskom, ngexabiso elingcono. Oku kuza kubangela ukuba anqongophale amathuba okuba singabi nambane.
- Inkqubo yokuthengwa kwamandla ahlaziyekayo iye yavuselelwa, kuba ngoku sele kugalelwe i-2,200 MW yombane ohlaziyekayo kwiziko lombane lesizwe futhi nomnye umbane oyi-6,800 MW oza kufumaneka kumanqanaba ahlukeneyo okuthengwa kombane ohlaziyekayo.
- Imithetho yatshintshwa ngeyeKhala 2021 ukuze anganyanzeliswa amaqumrhu abucala azivelisela umbane ongaphantsi kwe-100 MW ukuba afake isicelo selayisenisi kwi-NERSA. Kulapho iinkampani zivelisa umbane ukuze ziwusebenzise kwaye zithengisele abanye abasebenzisi. Ngenxa yolu tshintsho, ngoku kukho malunga ne-100 yeeprojekthi ezinjalo ezisendleleni ezinomthamo ongaphezu kwama-9,000 MW. NgeyoMnga 2022, umlinganiselo we-100 MW wasuswa ngokupheleleyo.

Ndingenza ntoni ukonga amandla?

- Musa ukushiya izixhobo kunye nobunye ubuxhaka-xhaka bombane zikhanyisiwe xa kungekho mfuneko, cima iqhosha lombane
- Xa uphuma kwigumbi okanye kwisakhiwo, khumbula ukucima izibane.
- Qinisekisa ukuba usebenzisa iibhalbhu (ii-LED) ezonga umbane nazo zihlala ixesha elide.
- Sebenzisa itephu yamanzi abandayo kunokugcina igiza ishushu ngalo lonke ixesha.
- Sebenzisa amanzi ngononophelo, umz. sebenzisa ishawa endaweni yokuhlamba ebhafini – ukwenza oku konga amanzi nombane.
- Qinisekisa ukuba isikhenkcezisi sakho kunye neengcango zesikhenkcezisi zinezitywina eziqinileyo, zibekwe kwindawo epholileyo kwaye azigcwelanga ngumkhenkce – konke oku kuya kuzinceda zisebenze ngokufanelekileyo.

WOZA matric 2023

South Africans who are interested in upgrading their grade 12 results, taking part in the Second Chance programme, or would like to get good marks in their

matric year have an opportunity to be part of the WOZA matric programme. National Education Collaboration Trust (NECT) and the Department of Basic Education (DBE) joined forces and launched the Remote Digital Learning programme (RDL).

This was following the difficulties experienced in online learning during the different stages of lockdown as a result of the COVID-19 pandemic.

Fast forward to 2023, the campaign continues to address systemic learning challenges, digital inequality and system capacity constraints

The RDL campaign has assisted in bridging the learning gap by understanding learners' needs and how technology can play a role in learning journey.

The RDL campaign is also inclusive of the Tswelopele campaign which focuses on grades R to 11.

The Tswelopele and the WOZA Matric programme provide learning continuity, curriculum catch-up, support, revision and exam preparation through multiple digital and non-digital platforms for pupils, teachers and parents.

The Second Chance Matric Programme (SCMP) is a matric rewrite programme

that was established in 2016 for learners who would like to improve their results or eventually complete their matric qualification on a part-time basis.

During 2021 an average of 5.8 million viewers watched WOZA Matrics on SABC 1 per month. In 2022 from March to October Tswelopele users between the ages of 4 - 65 have been reached with an average reach of about 1, 5 million viewers per month.

Last year 600 000 Grade 12s, including second chance learners and 600 000 General Education and Training Certificate learners were able to have more opportunities for psycho-social support, curriculum catch-up, revision, and exam assistance. Fur-

thermore, 50 000 teachers and parents or caregivers were provided with opportunities to support their learners with catch-up and revision. **U**

This information was supplied by the National Education Collaboration Trust (NECT)

For more information about these programmes visit the following websites:

- www.wozametrics.co.za
- www.tswelopele.org.za/about-us/
- www.education.gov.za/Curriculum/SeniorCertificate/SCRegistration...



Picture: Unsplash.com



government communications

Department: Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production

Regomoditswe Mavimbela
Regomoditswe@gcis.gov.za

Acting Editor-in-Chief

Zanele Mngadi | Zanelemngadi@gcis.gov.za

Managing Editor

Tshepo Nkosi | Tshepon@gcis.gov.za

News Editor

Noluthando Motswai

Writers: More Matshediso

Graphic Designers

Tendai Gonese | Benny Kubjana

Production Assistants

Jauhara Khan | Sebastian Palmer

Language Practitioners

Nomgcibelo Motha | Boitumelo Phalatse
Thandolunye Khulu | Mahanyele Ramapala



Vuk'uzenzele
is published by Government
Communications (GCIS)

Distributed by:
ON THE DOT

Printed by:
RISENG SUN PRINTERS
The Johannesburg Edition

The material in this publication may be reproduced, distributed, or transmitted in any form or by any means, including photocopying, recording, or other electronic or mechanical methods, without the prior permission of the publisher on condition that this publication shall be credited as the source.



Ukulwa ingxaki kacimi-cimi wombane ngokubambisana

Iphaphanda ba i-Sowetan kutshanje belinqaku eliphambili elinesihloko esithi 'Unplugged', apho lithe ladwelisa amashishini amancinci amaninzi kwilizwe jikelele athe atshona ngenxa yale ngxaki kacimi-cimi wombane. Ukutshona kwala mashishini kubonisa umonakalo ombi owenziwa yile ngxaki kacimi-cimi wombane kwiimpilo zabantu kunye namaphupha abo obomi obungcono.

Zininzi nezinye iingxelo ezimalunga nomonakalo owenziwe yile ngxaki kacimi-cimi wombane kubomi babantu, ezimalunga nokuphazamiseka kwezibhedlele, kwezikolo, kweenkundla, kunye nezinye iinkonzo zikarhulumente. Siva ngemizi-mveliso ema ngxi iyure eziliqela, amafama angakwaziyo ukugcina imveliso yawo ingaboli, notyalo-mali olubanjelweyo.

Njengoko ukucinywa kombane kuqhubela phambili nokonakalisa amashishini, ukuphazamisa amakhaya kunye neendawo ezihlala uluntu, eyona nto bangafuni nokuyiva abemi boMzantsi Afrika kukube sikhangelisebe lokusithela okanye sisenza izithembiso ezingeyonyani. Izikhalo zokuba le ngxaki kacimi-cimi wombane mayiphele ngoku ziyavakala. Wonke umntu uduiniwe.

Nangona kunjalo, kufuneka sazi ukuba kuyiminyaka ezi ngxaki zombane zisambethe.

Nangona kunokuba lula ukugxeka u-Eskom yedwa ngezi ngxaki, zininzi izinto ezingunozala wazo. Kubalulekile ukuba sazi ukuba ezi ngxaki zisukela phi na ukuze amacebo esiza nawo

akwazi ukuya kanye kule ndawo iyintsusa, singajolisi nje kuphela kwiimpawu.

Ukunqongophala kotyalo-mali kwizikhululo zophehlo-mbane ezitsha, ukungakhandwa nokulungiswa kwezikhululo zophehlo-mbane, urhwaphilizo nolwaphulo-mthetho, ukonakaliswa kweziseko ezingundoqo, ukunyuka kwamatyala kamasipala kunye nokungabikho kwabantu abanezakhono ezifanelekileyo kwa-Eskom konke oku kudale ezi ngxaki sizibonayo zongamele u-Eskom. Akunakubakho isisombululo sinokunceda kungakhange kuqalwe kulungiswe zonke ezi ngxaki.

Asifanele senze iimpazamo ezifana nezangaphambili. Kuyiminyaka emininzi, umba wokulungiswa kobuxhaxhaka bokuphehla umbane ungaselwa so, futhi izikhululo zophehlo-mbane zeli bezisetyenziswa nzima ngendlela ezigxagxisayo kusenzelwa nje okokuba umbane ungacimi. Ke ngoko sikule ngxaki sikuyo ngenxa yezi mpazamo.

Kufuneka siyiqonde kakuhle le ngxaki sikuyo kunye namanyathelo ekufuneka siwathathile ukuze siyilungise. Nangona sifuna ukuyiphelisa le ngxaki kacimi-cimi kufuneka siyazi ukuba ukwenza oko kuza kuthatha ixesha.

Kwezi ntsuku zibalwa zidlulileyo, bendikhe ndabamba iintlanganiso zokubonisana nabameli babasebenzi, abezoshishino, iinkokheli zemveli, iinkokheli zakwalizwi kunye noluntu. Ndikwadibene neenkulumbuso, oosodolophu bezixeko ezikhulu kunye neenkokheli zamagela ezopolitiko.

Kwintlanganiso nganye kuzo, ndigxininise ukubaluleka kokuba singajiki kwezi zigqibo sele sizithathile, singamele kwizisombululo ezingazikunceda kuyaphi zethutyana.

Ndibhengeze iSicwangciso sokuSebenza saMandla sesizwe sokuphucula ukusebenza kwezikhululo zombane zakwa-Eskom nokongeza iiprojekthi ezintsha zokuveliswa kombane ngokukhawuleza. Esi sicwangciso saba sisiphumo seendibano zokufakana imilomo namahlakani amaninzi kwaye savunywa ziingcali zezamandla njengelona cebo lokwenyani lokuphelisa le ngxaki kacimi-cimi wombane.

Njengoko sisazi koko besikubonile kwezi veki zibalwa zidlulileyo, iziphumo zamanyathelo okungenelela amaninzi esi sicwangciso azizukubonakala kwangoku.

Yiyo loo nto sisebenzisa zonke iindlela kunye nezixhobo esinazo ukuzama ukuba kugalelwe umbane kwiziko lombane lesizwe ngokungxamisekileyo.

Izikhululo zombane zika-Eskom ezisebenza ngamalahle zizo ezivelisa umbane omninzi. Yiyo loo nto kufuneka sigxininise kumba wokuphucula indlela ezisebenzisa ngayo ezi zikhululo. Iqela leengcaphophe ezizimeleyo liqhuba uphando ukukhangela eyona ngxaki ibangela ukuba zingasebenzi kakuhle ezinye izikhululo zophehlo-mbane zika-Eskom. Kukhethwe izikhululo zombane ezithandathu ekuza kugxininiswa kuzo kakhulu kwezi nyanga zizayo ukuze zikwazi ukugalela umbane kwiziko lombane lesizwe.

U-Eskom ukwasebenzela ukuqhagamshela iYunithi 5 yeKusile kwiziko lombane ngeyoMsintsi kulo nyaka. Zonke iinzame ezingxamisekileyo ziyenziwa ukulungisa ezinye iiyunithi eMedupi, eKusile naseKoeberg ukuze nazo zigalele umbane kwiziko lesizwe lombane.

U-Eskom uthenge umbane ongama-300 MW kumazwe angabamelwane. Iingxoxo ziyaqhuba ezimalunga nokuthengwa komnye umthamo wombane oli-1,000 MW. U-Eskom ukwazama nokuthenga umbane oyintsalela kwiinkampani zabucala ezizivelisela umbane isithuba seminyaka emithathu.

Urhulumente utyikitye izivumelwano zeeprojekthi ezingama-25 ngethuba kuvulwe isihlandlo sesi-5 nesesi-6 ithuba lokuba iinkampani zabucala zifake izicelo zokuvelisa umbane ohlaziyekayo, kwaye ezi projekthi ziza kuqalisa ukwakhiwa kungekudala. Ezi projekthi zidibene ziza kuvelisa umbane ongama-2,800 MW.

Ukwandisa umthamo wombane uwonke, ukongeza kulo uveliswa ngu-Eskom, sithathe amanyathelo okwenza ukuba amaqumrhu avelisa umbane abucala atyale imali eninzi kulo mbane mtsha uza kuveliswa. Umgqaliselo owawubekwa kwiilayisenisi zabo bazivelisela umbane bucala ususiwe. Ukususela oko sathi sanyusa umyinge omiselweyo kwilayisenisi waya kutsho kwi-100 MW, inani leprojekthi zokuvelisa umbane zecandelo labucala likhule langaphezulu kwe-100, zivelisa umbane ongama-9,000 MW.

Siye sabuphungula ubucukubhede obufunwa

ngabasemagunyeni kunye neenkqubo zomthetho, sanciphisa amaxesha asikiweyo okukhupha amaphepha-mvume eandelo lezokusingqongileyo, ukubhaliswa kweprojekthi ezintsha kunye nokuvunywa koqhagamshelo kwiziko lombane lesizwe.

Ezinye izixhobo ezivelisa umbane omtsha ngamacangca ombane wesola axhonywa phezu kwezindlu kunye nakwizakhiwo zamashishini.

Kungekudala umsebenzi uza kuqakunjelwa kwindlela yokubeka ixabiso into leyo iza kuvumela abathengi ukuba bathengisele iziko lombane lesizwe umbane oyintsalela kumbane abazivelisela wona ngamacangca esola axhonywe phezu kwezindlu zabo.

Sonke singadlala indima yethu ngokuhlawulela umbane esiwusebenzisayo. Ityala elikhulu elityalwa u-Eskom ngoomasipala lenza ukuba u-Eskom angawuqhubi kakuhle umsebenzi obalulekileyo wokukhanda nokulungisa izikhululo zakhe zophehlo-mbane.

Bonke abachaphazelekayo endidibene nabo, bayayiqonda le ngxaki sikuyo, futhi bonke, kunye nobunzulu bayo. Bonke bathembisile ukuba baza kwenza nantoni ekufuneka yenziwe ukubuyisela inkonzo yombane yeli kwimeko yesiqhelo kwaye baqhubeke nomsebenzi wokuphucula ubomi babantu baseMzantsi Afrika.

Nangona singenakuyiphelisa le ngxaki kacimi-cimi wombane ngokukhawuleza, kodwa into endiqiniseke ngayo kukuba ukuba siyasebenzisana ukuqalisa ukusebenzisa iSicwangciso sokuSebenza saMandla, le ngxaki kacimi-cimi yombane iza kuya isiba ngcono. Ngokuthi sifunquke sonke, siza kufika ngokukhawuleza kwixesha apho siza kukwazi ukuyiphelisa tu le ngxaki kacimi-cimi wombane.